Isifundo 7

** 8–14 Februwari*

Ukususka Ezingonyameni Ukuya Ezingelosini

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Daniyeli 6, 1 Sam. 18:6–9, Mat. 6:6, Izenzo 5:27–32, Marko 6:14–29, Heb. 11:35–38.

Indima Yenkumbulo:
"Baza abongameli nabaziirhuluneli bafuna, ukuba bafumane ithuba ngakuDaniyeli mayela nobukumkani. Ke ababanga nako ukufumana nalinye ithuba, nantlondi imbi, ngenxa enokuba ebethembekile; bekungafumaneki nanye imposiso nantlondi imbi kuye" (Daniyeli 6:4).

Emva kokuthabatha kweMedi-Persi iBhabheli, uDariyo umMedi wabuvuma ubulumko bukaDaniyeli waza wammema ukuba abe yinxalenye yolawulo olutsha. Umprofeti ogugayo wabalasela kwimisebenzi yabantu bonke kangangokuba ukumkani omtsha wamnyula ukuba abe yintloko yolawulo lonke kwiMedo-Persi. Phofu ke, njengoko sibonisa isahluko, uDaniyeli ujongene nesiphumo esibizwa ngokufaneleyo xa kusithiwa "esona sono sokuqala"-esomona. Kanti ke, phambi kokuba liphele ibali, siya kubona ukuba uDaniyeli uthembekile, kungekuphela kwimisebenzi yasemhlabeni phantsi kwamaMedi-Persi, kodwa okubaluleke kakhulu, kuThixo wakhe. Singaqiniseka ukuba, kakhulu, ukunyaniseka kwakhe kuThixo kunegalelo elikhulu ekunyanisekeni nakwezinye iindawo.

Amava kaDaniyeli entshutshiso abanika umzekelo abantu bakaThixo ngexesha lokuphela. Ibali alithethi ukuba abantu bakaThixo baya kusindiswa kwizilingo nokubulaleka. Into eliyiqinisekisayo yeyokuba edabini nobubi, okulungileyo kuya koyisa, aze uThixo ekugqibeleni abaphindisele abantu baKhe.

**Sifunde esi sifundo ukulungiselela iSabatha ka 15 Februwari.*

Cawa

9 Februwari

Imiphefumlo Enomona

Nasezulwini, indawo egqibeleleyo, uKhwezi uziva enomona ngoKristu. “UKhwezi waba nomnqweno nomona ngoYesu Kristu. Kanti, zathi xa zonke iingelosi zithoba kuYesu zikwamkela ukongama kwaKhe negunya eliphezu nolawulo olulilungelo lwaKhe, naye (uKhwezi) wathoba nazo; kodwa intliziyo yakhe yayizaliswe ngumnqweno nentiyo.”—Ellen G. White, The Story of Redemption, p. 14. Umona uyimvakalelo eyingozi enkulu ukuba ingagcinwa kangangokuba kwimiThetho eliShumi ngokwayo, kunye nokwalelwa kokubulala nobusela, ukho umyalelo ochasene nokubawa (jonga uEks. 20:17).

Funda: Daniyeli 6:1–5, kunye noGenesis 37:11 no-1 Samuweli 18:6–9. Ithini indawo edlalwa ngumona kuwo wonke la mabali?

Izakhono zolawulo lukaDaniyeli zamthabathekisa ukumkani kodwa zavusa umona kwamanye amagosa. Ngoko, aceba ukuba amsuse ngokumtyhola ngobubi. Nangona aphanda kangangoko anako, awazange afumane mposiso elulawulweni lukaDaniyeli. “Ababanga nako ukufumana nalinye ithuba, nantlondi imbi, ngenxa enokuba ebethembekile; bekungafumaneki nanye imposiso nantlondi imbi kuye” (Dan. 6:4). Igama lesiAramaic eliguqulwe ngokuti “thembekile linako ukuguqulwa ngokuthi “nokuthembeka.”

UDaniyeli akanasiphako; akukho nto anokuyenza amagosa ukubeka isityholo sobuxoki ngakuye. Noko kunjalo, aya abona indlela uDaniyeli athembeke ngayo kuThixo wakhe nendlela awuthobela ngayo umthetho waKhe. Ngoko ke, aqonda ukuba, ukuze amenze atyholeke, kuya kufuneka aveze imeko eyakwenza ukuba uDaniyeli ajongane nengxaki ngokuba athobele umthetho kaThixo na okanye umthetho wobukumkani. Koko amagosa ayekufunde ngoDaniyeli, aqiniseke ngokupheleleyo ukuba, phantsi kweemeko ezifanelekileyo, uya kuba ngakwicala lomthetho kaThixo wakhe kunowobokumkani. Ubungqina obuhle kangako ngokuthembeka kukaDaniyeli!

Aluhlobo luni amadabi omona oye wajongana nawo wena, waza wawasebenza njani? Yintoni eyenza ukuba umona ube sisiphako esiyingozi nesilimaza kakhulu ngokwasemoyeni?

Umgibe Obekelwe UDaniyeli

Funda: Daniyeli 6:6–9. Yintoni eyayisenza ukuba kubekho lo mthetho? Usebenza njani ekungazini kukakumkani?

UDariyo ubonakala egeza ekuwiseni umthetho aza kukhawuleza awususe. Ungene emgibeni obekwe ngamagosa akhe, anobuchule ngokwaneleyo ukuba adlale ngeemeko zokulawula ezimiselwe bubukumkani. UDariyo uwunabisile umbuso wamisela i-120 labaphathi ukuze lwenziwe lube lula lube nempumelelo ulawulo. Phofu ke, inyathelo elinjalo kulula ukuba likhuthaze uvukelo nokwahlukana ebukumkanini. Ngoko ke, umthetho onyanzelisa wonke umntu ukuba acele kuphela kukumkani okweentsuku ezingama-30 ubonakala ulicebo elilungileyo ukukhuthaza ukuthembeka kukumkani ukuze, ngaloo ndlela, kuthintelwe lonke uhlobo lovukelo. Wona amagosa ayemlahlekisa ukumkani ngokuthi icebo elinjalo lixhaswa ngabo "bonke" abongameli, abathetheli bomkhosi, iirhuluneli, amaphakathi, namabamba — ubuxoki obuphandle, njengoko engafakwanga uDaniyeli. Ngaphezu koko, ithemba lokuba angaphathwa njengothixo linokuba lalinika umdla kukumkani. Abukho ubungqina bokuba ukumkani wasePersi wakha wafuna umgangatho kathixo. Sekunjalo, umthetho unokuba wawujonge ukumenza ukumkani ukuba ibe nguye yedwa omele oothixo iintsuku ezingamashumi amathathu; ukuthi, imithandazo eya koothixo kufuneka inikelwe ngaye. Ngelishwa, ukumkani akayiphandi injongo etyhala eli cebiso. Ngoko ke, usilele ukuba aqonde ukuba umthetho oya kuthintela uvukelo wona ngokwawo uluvukelo lokwenzakalisa uDaniyeli.

Mabini amacala kulo mthetho afanele ukuqwalaselwa. Kuqala, isohlwayo sokungawuthobeli sikukuphoswa emhadini weengonyama. Njengokuba olu hlobo lwesohlwayo lungakhange lubonakale naphi na, sinokuba yingcamango eyenzelwe ukufeza injongo ethile yentshaba zikaDaniyeli. Kwimpuma yakudala ookumkani babegcina iingonyama ezindlwini zezilwanyana ukuze zizikhulule ngexesha leziganeko ezithile zokuzingela. Ngoko ke, kwakungekho ukunqongophala kweengonyama zokuba ziqwenge nabani othi agqithe kumthetho kakumkani. Okwesibini, umthetho awunako ukuguqulwa. Imo yokungabi nakuguquka komthetho wamaMedi namaPersi" ikhankanyiwe nakuEstere 1:19 noEstere 8:8. UDiodorus Siculus, umGrike wakudala owayengumbhali wembali, ukhankanya isiganeko xa uDariyo III (angaphazanyiswa nokumkani ekuthethwe ngaye kuDaniyeli) wayiguqula ingqondo yakhe kodwa akakwazi ukurhoxisa isigwebo sokufa awasiwisa kwindoda emsulwa.

Lwesibini

11 Februwari

Umthandazo KaDaniyeli

“Ke wena, xa sukuba uthandaza, ngena egumbini lakho, uthi uluvalile ucango lwakho, uthandaze kuYihlo osemfihlekweni; aze noYihlo obona emfihlekweni akubuyisele ekuhleni” (Mat. 6:6). Funda: Daniyeli 6:10. Kutheni lento uDaniyeli angasuki athandaze ngokuzolileyo kungekho nabani umbonayo?

UDaniyeli uyindoda yesizwe enamava, kodwa, ngaphezu kwako konke, ungumkhonzi kaThixo. Ngenxa yoko, nguye kuphela ilungu lolawulo onokuyiqonda into etyhala ukuba kubekho lo mthetho kakumkani. KuDariyo, lo mthetho umele ukuqinisa ithuba lobunye bobukumkani, kodwa kubacebi licebo lokususa uDaniyeli. Ewe ke, ezona zizathu zizizo neenjongo ezingunobangela zikwidabi lezwe lonke phakathi kukaThixo nemikhosi yobubi. Ngeli xesha (539 B.C.) uDaniyeli sele ewufumene umbono obhalwe kuDaniyeli 7 (553 B.C.) ne-8 (551 B.C.). ngenxa yoko uyawuqonda umthetho kakumkani, hayi njengomba wezopolitiko nje lomntu kodwa njengesiganeko semfazwe yomhlaba. Umbono woNyana woMntu enikela ubukumkani ebantwini bOsenyangweni noncedo oluthuthuzelayo lwengelosi echazayo (Daniyeli 7) zizinto ezinokuba zimnike isibindi ukuba ajongane ngqo nentlekele eyayiphambi kwakhe. Usenokuba ukhumbule amava amaqabane akhe, awaba nesibindi ngokwaneleyo ade anike umngeni umthetho kaNebhukadenetsare (Daniyeli 3).

Kungoko, engayijiki indlela aqhele ukuthandaza ngayo koko aqhubeke nesiko lokwenza kwakhe lokuthandaza kathathu ngemini ejonge ngaseYerusalem. Sikho sinjalo isalelo, sokwenza nakuwuphi na umntu okanye uthixo ngaphandle kukakumkani, uDaniyeli akazixhamli ngokuzimela okanye ukubufihla ubomi bakhe bomthandazo nangezo ntsuku zimbi zingama-30. Uliqela elimbalwa kakhulu ngokupheleleyo njengoko ikuphela kwakhe, phakathi kwesininzi sabalawuli namanye amagosa, kwikhondo lokungqubana nomthetho wokumkani. Ngobomi bakhe bomthandazo obusekuhleni, phofu, ubonisa ukuba ukunyaniseka anako kuThixo kuza ngaphambi kokunyaniseka kukumkani nomthetho wakhe ongenakujikwa.

Funda: Izenzo 5:27–32. Nangona umyalelo apha ucacile, kutheni, ukuba kufuneka njalo, xa sikwimo yokudelela, lonke ixesha kufuneka siqiniseke ukuba senza intando kaThixo? (ngapha koko, cinga ngabantu abafayo kunokuba bungcatshe inkolo okanye uhlelo lwenkolo esikholelwa thina ukuba ayilunganga!)

Emhadini Weengonyama

Funda: Daniyeli 6:11–23. Yintoni ethethwa ngukumkani kuDaniyeli, into ebonisa indlela obunamandla ngayo kuThixo ubungqina obuthembekileyo bukaDaniyeli?

Abenzi beyelenqe bakhawuleza bambona uDaniyeli ethandaza-oko kukuthi, esenza kanye oko umthetho ukwaleleyo. Bathi xa bezisa isimangalo phambi kokumkani, bathetha ngoDaniyeli ngendlela emnukunezayo: "La Daniyeli, ongomnye wabathinjwa bakwaYuda" (Dan. 6:13, NKJV). Kwawabo amehlo, omnye wamagosa azintloko, oyena uthandwa kakhulu ngukumkani, akanto ingaphezulu kokuba "ngumthinjwa" nje. Ukongeza, bathiyisa uDaneli ngokumkani ngokuthi, la Daniyeli "akakhathali nguwe, kumkani, nasesi salelo usibhalileyo." Ngoku ukumkani uyaqonda ukuba uye wathiyiselwa ngokuwusayina umthetho. Indima iyaxela ukuba "wazama ukuba amhlangule, lada latshona ilanga" (Dan. 6:14). Akukho nto kodwa anokuyenza ukumsindisa umprofeti kwisohlwayo esele sibekiwe. Umthetho ongaguqukiyo wamaMedi namaPersi kufuneka usebenze nqo. Waba ke, ukumkani, ngokunjalo, ethingaza, uyawukhupha umthetho wokuphosa uDaniyeli ezingonyameni. Uthe, kodwa, esenza njalo, uDariyo waba ebonisa ulozi-lozi wethemba, elivakala lingumthandazo: "Wanga uThixo wakho, ombusa ngamaxesha onke, angakusindisa" (Dan. 6:16). Indima yeBhayibhile ayixeli ukuba uDaniyeli wenza ntoni phakathi kweengonyama, kodwa umntu unokucinga ukuba uyathandaza. UThixo wawuphendula umthandazo wokholo kaDaniyeli ngokumthumela ingelosi ukuba imkhusele. Kusasa, uDaniyeli uhleli engenzakalanga elungele ukuqala imisebenzi yakhe eburhulumenteni. Ecacisa ngale ntlekele, uEllen G. White uthi: "UThixo akazange azithintele iintshaba zikaDaniyeli ukuba zimphose emhadini weengonyama; wazivumela iingelosi zobubi namadoda akhohlakeleyo, ukuza kuthi gaa kule ndawo, ukuba bonke bayifeze injongo yabo; kodwa kwakungokuba kwakufuneka akwenze ukuhlangulwa komkhonzi waKhe nokuba kucace kakhulu nokoyiswa kweentshaba zenyaniso nobulungisa kugqibelele."—*Abaprofeti Nookumkani,* iph. 451.

Nangona eli bali linesiphelo sovuyo (ngakuDaniyeli), kwathiwani ngezo ngxelo, nazo ezo ziseBhayibhileni (jonga, umzekelo, uMarko 6:14–29), ezingapheleli ekuhlangulweni apha? Simele ukuba siziqonde njani?

Impidezelo

Funda: Daniyeli 6:24–28. Wanika bungqina buni ngoThixo ukumkani?

Indawo ebalulekileyo yeli bali yile yokuba uDariyo udumisa uThixo eluvuma ulawulo lwaKhe. Esi sisiphelo, incopho, yeendumiso okanye iintetho zokwamkela ezinikelwe kuThixo kwizahluko ezidlulileyo (Dan. 2:20–23; Dan. 3:28, 29; Dan. 4:1–3, 34–37). NjengoNebhukadenetsare, uDariyo usabela ekuhlanguleni kukaDaniyeli ngokudumisa uThixo. Phofu wenza ngaphezu koko, naye: uyayirhoxisa imithetho edlulileyo aze ayalele wonke umntu ukuba "badidizele bothuke abantu phambi koThixo kaDaniyeli" (Dan. 6:26). Kunjalo, uDaniyeli usindiswe ngommangaliso, ukuthembeka kwakhe kuvuziwe, ububi bohlwayiwe, ukuhlonipheka namandla kaThixo kugwetyelwe. Phofu into esiyibonayo apha ngumzekelo omncinane wento eza kwenzeka kwindalo yonke: Ukuhlangulwa kwabantu bakaThixo, ububi busohlwaywa, iNkosi igwetyelwa phambi kwendalo yonke.

Funda: Daniyeli 6:24. Yintoni esinokuyifumana ihlupha ngale ndima, ngokuba kutheni?

Kukho, phofu, ingxaki enye ephazamisayo, eyabafazi nabantwana abo, ngokokwazi kwethu, bamsulwa, ukanti bafumana isiphelo esinye naba banobutyala. Singayichaza njani le nto ibonakala ikukuphathwa kakubi kobulungisa? Kuqala, kufuneka siqaphele ukuba isenzo sigqityiwe saye siyenziwa ngukumkani ngokomthetho wamaPersi, oquka usapho ekohlwayweni konetyala. Ngokomthetho-siseko wakudala, usapho lonke lwaluthwala uxanduva ngesono selungu losapho. Le nto ayitsho ukuba oko kulungile; ithi nje, eli bali lihambelana nento esiyaziyo ngomthetho wamaPersi. Okwesibini, kufuneka siqaphele ukuba ibali lebhayibhile libika isiganeko, kodwa asivumelani nesenzo sikakumkani. Kakuhle, iBhayibhile ikwalela ngokucacileyo ukuba abantwana babulawe ngenxa yezono zabazali (Dut. 24:16).

Xa kujongenwe nobulungisa obunje nobunye obuninzi, ithini intuthuzelo oyifumanayo kwiindima ezinje ngo-1 Korinte 4:5? Ithini, kwaye kutheni ibalulekile nje into eyibekayo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ukuhlangulwa kukaDaniyeli kubhaliwe kumaHebhere 11. Indawo ebizwa ngokuthi "Igumbi labaziwa ngokholo" ixela ukuba, abaprofeti, phakathi kwezinye izinto abazenzayo, "bavingca imilomo yeengonyama" (Heb. 11:33). Ngummangaliso lo, kodwa kufuneka siyiqonde engqondweni into yokuba loo magorha okholo asingabo kuphela basinda ekufeni njengoDaniyeli, kodwa nabo babulalekayo bafe ngesibindi, njengoko esitsho amaHebhere 11. UThixo ubiza abanye ukuba bangqine ngokuphila abanye ngokufa. Kungoko ibali lokuhlangulwa kukaDaniyeli lingathi ukuhlangulwa kunikwa wonke umntu, njengoko sifundile kwiinkulungwane zamadoda nabafazi ababa ngamafelukholo ngenxa yokholo lwabo kuYesu. Sekunjalo, ukuhlangulwa kukaDaniyeli ngommangaliso kuyabonisa ukuba uThixo uyalawula, kwaye uza kuthi ekugqibeleni abahlangule bonke abantwana baKhe emandleni esono nokufa. Oku kuza kucaca kwizahluko ezilandelayo zikaDaniyeli.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Indoda yeseFransi, uJean Paul Sartre waka wabhala wathi, "Eyona ndlela yokuyazi iprojekthi esisiseko ngobunyaniso bomntu kukuthi, umntu usisidalwa esiprojekthi yaso ikukuba nguThixo." (Jean Paul Sartre, Being and Nothingness: A Phenomenological Essay on Ontology, Washington Square Press, 1956, p. 724). Kusinceda njani oku ukuba siqonde, nokuba kukumgangatho omnye, ukuba kwakutheni ukuze ukumkani angene emgibeni? Kutheni thina sonke, nokuba uthini umgangatho esikuwo ebomini, le nto kufuneka sikulumkele kakhulu oku kukekela kuyingozi, nokuba kuza kurhubuluza kangakanani? Zeziphi ezinye iindlela esinokufuna ngazo "ukufana noThixo"?

2. Sinika ubungqina obunjani kwabanye ngokubhekiselele ekuthembekeni kuThixo nasemthethweni waKhe? Ingaba abantu abakwaziyo bacinga ukuba ungayimela inkolo yakho, nokuba oko kungakudla umsebenzi wakho, okanye ubomi bakho?

3. Ubona ntoni kuDaniyeli emenza ukuba be ngumntu uThixo anokumsebenzisa ngempumelelo kwinjongo yaKhe, Yena Thixo? Ngoncedo lukaThixo, ungaziphuhlisa njani ngakumbi iimpawu ezifana nezo?

4. Kungaziphi iindlela awayenokuthi uDaniyeli abe nokuthetheleleka ngazo ngokwenza isigqibo [esivumayo], ngakumthetho owawufuna aguqule indlela awayethandaza ngayo? Okanye ingaba oko kwakunokuba kukuyekelela okuyingozi? Ukuba kunjalo, ngokuba kutheni?